



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Departement van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjhabela: Lefapha la Thuto

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBER 2026

AKHAWUNTINGI P2

AMANQAKU: 150

IXESHA: 2 iiyure

Eli phepha lemibuzo linamaphepha ali 14 kuquka ifomyula
shiti kunye nencwadi yokuphendulela enamaphepha ali 10.

IMIYALELO NEENKCUKACHA

Funda imiyalelo elandelayo ngononophelo uze uyilandele ngokungqalileyo.

1. Phendula YONKE imibuzo.
2. INCWADI ekhethekileyo yokuphendulela YONKE imibuzo uyinikiwe.
3. IFinancial Indicator Formula Sheet incanyathiselwe ekupheleni kweli phepha lemibuzo.
4. Bonakalisa WONKE umsebenzi ukuze ufumane inxalenye yamanqaku.
5. Ungayisebenzisa inon-programmable khalithyuleyitha.
6. Ungayisebenzisa ipenisile emdaka okanye i-inki eblowu/emnyama ukuphendula imibuzo.
7. Xa kufanelekile, bonisa ZONKE iikhalithyuleyishini zibe kwidesimali poyinti ENYE.
8. Bhala kakuhle nangokucacileyo.
9. Sebenzisa iinkcukacha ezikwitheyibhile engezantsi njengesikhokelo xa uphendula imibuzo. Zama UKUNGAPHAMBUKI kuyo.

UMBUZO	ISIHLOKO	AMANQAKU	IMIZUZU
1	IVAT neStock Valuation	45	35
2	IReconciliations	30	25
3	ICost Akhawuntingi	40	30
4	IBudgeting	35	30
ITOTALI		150	120

UMBUZO 1: IVAT NESTOCK VALUATION**(45 amanqaku; 35 imizuzu)****CONTIKI COFFEE**

UVan ngumnikazi weContiki Coffee, umthengisi owaziwayo weembotyi eziroستيweyo nezicoliweyo kwakunye nezixhobo noomatshini bemveliso yekofu abakumgangato wehlabathi ophezulu. UContiki Coffee uzithenga eEurope zonke izixhobo.

1.1 IVAT CONCEPTS**OKUFUNEKAYO:**

Khetha igama/iterm echanileyo kule theyibhile ingezantsi ehambelana nenkcazelo nganye. Bhala kuphela igama/iterm kufutshane nenombolo yombuzo (1.1.1 ukuya ku1.1.3).

ipayment-based method;	iR3 000 000;	ioutput VAT;	iR2 300 000;
i-invoice-based method;	i-indirect tax;	i-R1 500 000;	i-input VAT

- 1.1.1 IValue-added tax eqokelelwe kwiintengiso neeservices; iliability kwishishini ngumzekelo we ... (1)
- 1.1.2 Iakhawuntingi method emiselweyo apho iVAT ibhatalwa kuSARS xa kukhutshwa i-invoysisi okanye kufunyanwa intlawulo, nayiphi eyenzeke kuqala. (1)
- 1.1.3 Umda onyanzelekileyo omtsha wokubhalisela iVAT, obhengezwe ngumphathiswa wezemali kwintetho yakhe yohlahlo-lwabiwo mali ka2026. (1)
- 1.2 Nika umahluko phakathi kwezinto eziVAT-exempt nezi zero-rated eMzantsi Afrika. Nika umzekelo ubeMNYE kwinto nganye. (4)
- 1.3 **IVAT**

IContiki Coffee isebenzisa i-invoice-based method ukukhalityhuleyitha iVAT ngezinga elingu15%. Ishishini lihlawula iVAT emva kweenyanga ezimbini.

OKUFUNEKAYO:

Khalityhuleyitha imali yokugqibela ehlawulwa/efumaneka kuSARS yexesha eliphela nge31 Agasti 2026. Nika amanani kunye nophawu lokongeza (+) okanye lokunciphisa (-) kulungiso ngalunye. Xa kungekho tshintsho kwibhalansi, bonisa ngo (0). Bonisa ngo "x" ukuba imali iyahlawulwa okanye iyafumaneka kuSARS.

Umzekelo: Usomashisini wathatha iimbotyi zekofu eziqhotsiweyo, ngexabiso lentengo, elibiza iR760 (iVAT ayifakwanga) wazisebenzisa ngokwakhe.

INKCUKACHA:

Ibhalansi ehlawulwa kuSARS yiR1 260 (ngaphambi kokufaka ezi nkcukacha zilandelayo).

1.3.1 Kuthengiswe iimbotyi zekofu ezixabisa iR9 380 (iVAT ayifakwanga) cash.

1.3.2 Kucinywe iakhawunti yepacking material kwisupplier yasekuhlaleni ngokubhatala iR103 500 (iVAT ifakiwe).

1.3.3 UContiki Coffee wazisa isupplier yasekuhlaleni yeembotyi zekofu ukuba isaphulelo sentengo sasingafakwanga kwi-invoysi eyafunyanwayo. Isupplier yayamkela impazamo yaze yalilungisa ixabiso lentengiso (iVAT ayifakwanga) ukusuka kuR13 500 ukuya kuR12 900.

1.3.4 Ityala ledebtor eliyiR23 690 lacinywa njengelingenakuhlaluleka. (9)

1.4 ISTOCK VALUATION

UContiki Coffee usebenzisa iperiodic stock system nespecific identification method ukuxabisa istock soomatshini bekofu kunye neFirst-in-first-out (FIFO) method kwiimbotyi zekofu.

OKUFUNEKAYO:**OOMATSHINI BEKOFU:**

1.4.1 Khalityhuleyitha ixabiso leClosing stock soomatshini beConti ACE machines nge28 Febuwari 2026. (3)

1.4.2 UVan, umnikazi, usanda kundwendwela eChina eyokuzimasa umboniso worhwebo. Wayechukumisekile ngumatshini wekofu weshishini elincinci onexabiso eliphantsi kakhulu.

Ungamnika cebiso lithini malunga nokutshintsha isupplier? Nika amanqaku amaBINI. (4)

IIMBOTYI ZEKOFU:

1.4.3 Khalityhuleyitha ixabiso leClosing stock nge28 Febuwari 2026. (5)

1.4.4 Khalityhuleyitha:

- ICost yeSales yeembotyi zekofu (5)

- Inani leentsuku elizakuthathwa ukuthengisa iclosing stock yeembotyi zekofu. (3)

1.4.5 UVan ucinga ukutshintsha imethod yokuxabisa iimbotyi zekofu. Khalityhuleyitha ixabiso leclosing stock usebenzisa iweighted-average method. (9)

INKCUKACHA:

Inkcukacha yonyaka ophela nge28 Februwari 2026.

A. OOMATSHINI BEKOFU**IIREKHODI ZESTOCK**

IIREKHODI ZESTOCK	IMODELI YOMATSHINI WEKOFU	IYUNITHI EZITHENGIWEYO	IXABISO LENTENGO	ITOTALI
IOpening stock	Conti ACE	5	75 000	375 000
	Conti MC Ultima	1	195 500	195 500
Intengo	Conti ACE	25	75 000	1 875 000
	Conti NG-C	10	86 500	865 000
	Conti MC Ultima	7	195 500	1 368 500
IReturns	Conti ACE	2	75 000	150 000

INTENGISO YOOMATSHINI BEKOFU

IMODELI	IYUNITHI EZITHENGISIWEYO	IXABISO LENTENGISO
Conti ACE	24	105 000
Conti NG-C	8	121 100
ContiMC Ultima	7	273 700

B. IIMBOTYI ZEKOFU**IIREKHODI ZESTOCK**

INKCAZELO	UMHLA	IYUNITHI	IXABISO/ IYUNITHI (R)	ITOTALI VALUE (R)
IOpening stock	01 Mat. 2025	600	380	228 000
Itotali yentengo		5 500		2 190 000
Intengo	31 Mey. 2025	800	380	304 000
	30 Sep. 2025	500	400	200 000
	31 Nov. 2025	4 000	400	1 600 000
	10 Dec. 2025	200	430	86 000
IReturns	05 Dis. 2025	230	Ithengwe: 30 Nov. 2025	
	15 Dis. 2025	120	Ithengwe: 10 Dis. 2025	
	Indleko zothutho azibuyiselwa			
IClosing stock	28 Feb. 2026	750		
Intengiso yonyaka		5 000	R552	2 760 000

C. Indleko zothutho lwentengo

limbotyi zekofu zithuthelwa eshishinini nguTransportGuy ngexabiso elingabuyiswayo leR25 ngeyunithi. Indleko zothutho lwentengo zifakiwe kwiNkcukacha B.

D. IReturns

libhetshi eziyi350 zemboty zekofu zaphindiselwa kwisuppliers.

UMBUZO 2: IRECONCILIATIONS**(30 amanqaku; 25 imizuzu)****LIZZY'S FLOWERS**

ULizzy ngumnikazi weLizzy's Flowers. Uvumela iakhawunti zabathengi beenkampani, ukuba zihlawulwe zingaphelanga iintsuku eziyi60 emva kokufumana ingxelo yeakhawunti. IKaroo Guest House yavula iakhawunti nge1 Juni 2026. Ileta yebhanki yobungqina kaLizzy's Flowers yayincanyathiselwe kwicontract.

Uyi-internal auditor kaLizzy's Flowers. IDebtors' Control akhawunti neDebtors' List zazenziwe yi junior bookkeeper engenamava. Kwafunyaniswa iimpazamo noshiyelelo lwezinto.

OKUFUNEKAYO:

2.1 Kutheni kubalulekile ukuthelekisa iDebtors' Control akhawunti neDebtors' List ngaphambi kokuthumela iakhawunti? Nika izizathu eziBINI. (4)

2.2 **Jonga kwinkcukacha B noC.**

Khalithyuleyitha ibhalansi echanileyo yeDebtors' Control akhawunti neDebtors' List nge31 Agasti 2026. Nika amanani nophawu lokongeza (+) okanye lokunciphisa (-) kulungiso ngalunye. Xa kungekho tshintsho kwibhalansi, bonisa ngo (0). (10)

2.3 **Jonga kwinkcukacha D.**

Yenza iDebtors' Age Analysis yengxelo eza kuthunyelwa kuKaroo Guest House. (8)

2.4 **Jonga kwinkcukacha D noE.**

2.4.1 NjengeInternal auditor, chaza ingxelo eziMBINI zeBookkeeping ekufuneka uzenze ukulungisa le ngxaki. (4)

2.4.2 Ngaphandle kokwahlulwa kwemisebenzi, chaza amanyathelo olawulo amaBINI anokuthathwa ngokungxamisekileyo ukuphucula ulawulo lweedebtors. (4)

INKCUKACHA:

A. Zonke iintyatyambo zihanjiswa zikwivazi zeglasi. Ixabiso levazi lifakwa kwiakhawunti yedebtor. Xa idebtor ibuyisa ivazi, ixabiso layo lifakwa kwidebtors' allowances.

B. **libhalansi zePre-adjustment nge31 Agasti 2026**

R

IDebtors' Control akhawunti	90 200
IDebtors' List evela kwiDebtors Ledger	89 200

C. Iimpazamo noshiyelelo lwezinto

- (i) Itotali yeDebtors' Allowances Journal yayinganeno kweyokwenyani ngoR2 400.
- (ii) I-Interest yeR140 mayihlawuliswe kwioverdue akhawunti kaInStylo Interior Designers.
- (iii) I-Invoyisi ekhutshelwe uSalon Peters ayifakwanga, R1 600.
- (iv) Iivazi ezibuyiswe nguNaidoo Weddings, R700, zifakwe kwicala elirongo leakhawunti yabo kwiDebtors' Ledger.
- (v) Intlawulo yeR4 300 efunyenwe kuJaer Tea Garden, ifakwe yayiR3 400 kwiCash Receipts Journal yaze yaposwa injalo.

D.

LIZZY'S FLOWERS www.lizzys.flowers.org.za 071 309 4456 13 Strelitzia Street Kariega Statement no: 3 Umhla: 31 Agasti 2026 KAROO GUEST HOUSE					
UMHLA		ITRANSACTION	DEBIT	CREDIT	BHALANSI
Meyi	15	Invoyisi 745	12 000		12 000
Juni	5	Invoyisi 988	4 000		16 000
	7	C/N 246		400	15 600
	15	Invoyisi 1045	6 800		22 400
	29	Receipt 1179: intlawulo cash		5 000	17 400
Julayi	18	Invoyisi 1675	500		17 900
	20	C/N 355		50	17 850
	31	I-Interest	60		17 910
Agasti	4	Invoyisi 1843	3 800		21 710
	28	Invoyisi 1988	5 300		27 010
	31	I-Interest	100		27 110
Imiqathango: 5% yediscout allowed yentlawulo zingaphelanga iintsuku eziyi30 emva kosuku lwengxelo. - I-interest izakuhlawuliswa kumatyala aoverdue ngeentsuku eziyi60.					
Inkcukacha zebhanki:					
IAge Analysis:			90 iintsuku	60 iintsuku	30 iintsuku
			?	?	?
					iCurrent
					?

- E.** UGina, umnikazi weKaroo Guest House, ukhalazele ingxelo yeakhawunti ayifumeneyo. Uthumele ubungqina bentlawulo ukuqinisekisa ukuba intlawulo yenziwe rhoqo njengoko kuchaziwe kwicontract.

Uphando lufumanise ukuba iinkcukacha zebhanki ezikwileta yobungqina yebhanki kunye neenkukacha ezikwiQR code azifani. Idebtor's clerk kaLizzy's Flowers yayitshintsha iQR code, nto leyo yenza ukuba intlawulo eyiR17 400 ingene kwiakhawunti yebhanki yayo.

UMBUZO 3: ICOST AKHAWUNTINGI**(40 amanqaku; 30 imizuzu)**

- 3.1 Khetha icandelo lecost kuKHOLAM B elihambelana nomzekelo oku KHOLAM A. Bhala kuphela unobumba (A–D) kufutshane nenamba yombuzo (3.1.1 ukuya ku3.1.3) kwiNCWADI YOKUPHENDULELA.

KHOLAM A		KHOLAM B	
3.1.1	ISalary kaforeman wasefektri	A	IAdministration
3.1.2	IDelivery expenses	B	IFactory overhead
3.1.3	Imaterial yokucoca esetyenziswa eofisini	C	I-indirect material
		D	ISelling nedistribution

(3)

3.2 I-UNIQUE SOCKS

UMiriam Majola ngumnikazi weUnique Socks, ishishini elivelisa iikawusi, eziyilwe ngokwahlukeneyo, xa zifunwa. Ngoko ke, ishishini alinayo iwork-in-progress yaye lidilivarishela umthengi istock ngemini eliyigqibe ngayo iodolo yayo. Unyakamali uphelele ngo30 Juni 2026.

OKUFUNEKAYO:**3.2.1 Jonga kwinkcukacha A noB.**

Khalityhuleyitha idirect material cost.

(5)

3.2.2 Jonga kwinkcukacha C.

Khalityhuleyitha idirect labour cost.

(6)

3.2.3 Jonga kwinkcukacha A–D.

Khalityhuleyitha ifektri overhead cost.

(13)

INKCUKACHA:**A. libhalansi ezithathwe kwiifinancial records:**

	2026	2025
IRaw materials	206 300	180 500
I-Indirect materials	13 600	15 000
IFactory equipment	1 600 000	1 600 000
IAccumulated depreciation on factory equipment	?	765 000

B. IDirect neindirect material

- (i) Kuthengwe iraw material exabisa iR970 000 apha enyakeni.
- (ii) Uthutho lweempahla lunikezelwe kuIBM Couriers ngolu hlobo lulandelayo:
- Ukudilivarisha iraw material ukuya efektri, R29 100
 - Ukudilivarisha ifinished goods ukuya kumthengi, R14 550
- (iii) Kuthengwe i-indirect material exabisa iR21 300 apha enyakeni.

C. ILabour

Abasebenzi fektri:	5 yabasebenzi
	IGross salary ngenyanga: R10 500/ngomsebenzi.
	I-UIF neSkills Development Levy (SDL) ebhatalwe ngumqeshi yi1% inye nyanga nganye.
	Abasebenzi aba3 bavumile ukubhatala ngokuzikhethela umrhumo wepension. Umsebenzi nomqeshi barhuma u6% wegross salary emnye.
Icleaners zefektri:	2 yecleaners
	IGross annual wage: R60 000/ngecleaner.
Umphathi wefektri:	IGross salary ngenyanga, R80 000.
	Ilungelo lokufumana intlawulo ye13 ngoJune nyaka ngamnye.
	Utsalomali ngenyanga: IMedical Aid R5 000; IPAYE 26%.
	Umrhumo wenkampani kwimedical aid yi0,5 : 1 ngenyanga.

D. IGeneral expenses

IRent expense	Iproperty ikumhlaba oyi1 500 m ² apho i1 000 m ² yabelwe ifektri. Irent epheleleyo yonyaka yiR450 000.
I-Insurance	I-insurance premium ibhatalwa minyaka le kwaye iyiR174 000. I-insurance yabiwa ngolu hlobo lulandelayo: iFektri : iAdministration : iSales ngeratio engu 3 : 1 : 2.
IWater ne-electricity	Ifektri isebenzisa u95% wewater ne-electricity, eboniswe njengoR75 000, kwiTrial Balance yokuphela konyaka.
IDepreciation	IDepreciation ikhalityhuleyithwa ngo10% ngonyaka ngediminishing balance method.

3.3 ILILA'S CATERING

ULila Kombani ngumnikazi weshishini elincinci elivelisa iipie namagwinya elizithengisa kwiituck shop zezikolo zasekuhlaleni.

QAPHELA:

Apho kufunwa uphawule okanye ucacise, umele:

- Uchonge iikhalithyuleyishini, amanani kunye/okanye iitrend
- Nika ingcaciso okanye isizathu kwimeko nganye

OKUFUNEKAYO:

- 3.3.1 Bonisa inqanaba lokhuseleko luka 2026 (iiyunithi ngaphezu kwebreak-even point) lamagwinya. (2)
- 3.3.2 ULila uqinisekile ukuba angavelisa aphinde athengise amagwinya amaninzi. Khalithyuleyitha inani lamagwinya ongezelekileyo amakawavelise ukuze afumane iprofit eyongezelekileyo eyiR10 450. Thatha ngokuba zonke ezinye izinto azitshintshanga. (3)
- 3.3.3 ULila uxhalabele ifinancial performance yeshishini lakhe nokuba icompetitor entsha ingene kwimarket.
- Ngokuthi uthalekise iprofit eyenziweyo, chonga imveliso echaphazeleke kakubi yicompetitor entsha. Akukho manani afunwayo. (1)
 - Chaza ukuba item engu“*economies of scale*” ithetha ukuthini uze uchonge amanani kwitheiyibhile engezantsi ukuxhasa uluvo kwakho. (3)
- 3.3.4 Cinga ngokuba i-inflation rate yayingu5% ngo2026, chonga iyunithi cost exhalabisayo ibeNYE kwimveliso nganye. (4)

INKCUKACHA:	IIPIE		AMAGWINYA	
	2026	2025	2026	2025
ITotali yeeyunithi ezivelisiweyo nezithengisiweyo	55 875	50 500	20 000	16 000
Iiyunithi zeBreak-even	59 600	29 400	12 000	14 000
Ixabiso lentengiso likaLila	R18,00	R15,00	R25,00	R22,00
Ixabiso lentengiso yeCompetitor	R12,00	-	R30,00	-
IVARIABLE COST / YUNITHI	R12,00	R10,00	R15,50	R14,00
IDirect material cost	6,00	5,80	9,00	8,60
IDirect labour cost	3,50	1,80	4,00	3,80
ISelling nedistribution cost	2,50	2,40	2,50	1,60
IFIXED COST / YUNITHI	6,40	5,00	5,70	7,00
IFactory overhead cost	4,50	3,20	3,70	5,10
IAdministration cost	1,90	1,80	2,00	1,90

GCINA ELI PHEPHA LINGABHALWANGA

UMBUZO 4: IBUDGETING**(35 amanqaku; 30 imizuzu)**

4.1 Phendula le mibuzo ilandelayo ngokuthi ubhale iimpendulo kufutshane nenamba yombuzo (4.1.1 ukuya ku 4.1.3) kwiNCWADI YOKUPHENDULELA.

4.1.1 Yintoni injongo ephambili yeCash Budget? (2)

4.1.2 Xela izinto eziMBINI ezikwiProjected Statement seComprehensive Income, ezingenakubakho kwiCash Budget. (2)

4.1.3 Yeyiphi iexpense yepublic company engabhalwayo kwiProjected Statement seComprehensive Income? (2)

4.2 IBILTONG STOP (PTY) LTD

IBiltong Stop (Pty) Ltd yinkampani ethengisela iEastern Cape Retailers ibiltong ekumgangatho ophezulu. Usuku lokugqibela lonyakamali yi31 Agasti 2026.

OKUFUNEKAYO:

Apho kufunwa uphawule okanye ucacise, umele uchonge iitrend ezinamanani.

4.2.1 Jonga kwinkcukacha A.

Yenza iCreditor's Payment Schedule yexesha eliqala ngoSeptemba ukuya kuNovemba 2026. (8)

4.2.2 Jonga kwinkcukacha B noC.

Bonisa iimali zeetransaction kwiikholamu ezifanelekileyo zeCash Budget (Septemba–Novemba 2026) uphinde/okanye kwiProjected Statement seComprehensive Income (yeenyanga ezintathu eziphela nge30 Novemba 2026) kwiNCWADI YOKUPHENDULELA. Nika amanani nophawu lokongeza (+) okanye lokunciphisa (-) kwinqaku ngalinye. (15)

4.2.3 Jonga kwinkcukacha C.

Cacisa oko iManaging Director (MD) yenkampani inokukuthetha kwiChief Financial Officer (CFO) malunga nolawulo lwento NGANYE kwezi zilandelayo ngoAgasti 2026:

- IPackaging material
 - IDelivery fees nolungiso lwevehicle
 - IAudit fees
- (6)

INKCUKACHA:**A. IStock nentengo**

IStock is replaced monthly. Yonke intengo yenziwa ngetyala.

Intengo iqikelwa ukuba iza konyuke ngo12% ngoNovemba 2026.

Kulindeleke ukuba iicreditor zibhatalwe ngolu hlobo lulandelayo:

- 10% ibhatalwe ngenyanga ekuthengwe ngayo ukuze kufumanekwe isaphulelo esingu4%
- 80% ibhatalwe ngenyanga esemva kwekuthengwe ngayo
- 10% ibhatalwe kwinyanga ezimbini emva kwenyanga ekuthengwe ngayo

B. IProjected Statement seComprehensive Income neCash Budget

- I-15% yetotali yentengiso yintengiso nge-cash. Iimpahla zithengiswa ngemark-up engu50% kwicost price.
- Kwenziwe iintlawulo yexeshana ye-income tax eyiR380 000 ngoJuni 2026. Ingxelo yeakhawunti efunyenwe kuSARS ibonisa i-income tax emayihlawulwe kulo nyakamali eyiR410 500. Intlawulo iza kwenziwa nge15 Septemba 2026.
- Lungiselela ukukhuphela iishareholder ezikhoyo ishares ezongezelelweyo eziyi40 000 ngeR15,70 inye ngoOkthobha 2026. Iidividendi zeR45 600 ziya kubhengezwa zize zibhatalwe nge30 Novemba 2026.
- Ivehicle yokudilivarisha entsha iza kuthengwa ekupheleni kukaOkthobha. Kuza kubhatalwa idipozithi yeR30 000, lize ityala elishiyekileyo leR792 000, libhatalwe kwisithuba seenyanga eziyi36. Idepreciation ikhalithyuleyithwa ngo20% kwi-cost price.

C. Ulawulo lwee-expenses

	IBUDGET	EYOKWENYANI	IBUDGET		
	AGASTI		SEPT.	OKT.	NOV.
ITotali yentengiso	7 500 000	8 145 000	7 470 000	7 800 000	?
ICost yentengiso	5 000 000	5 430 000	4 980 000	5 200 000	5 824 000
IPackaging	400 000	434 400	398 400	416 000	465 920
Uthutho nolungiso lwevehicle	750 000	977 400	747 000	780 000	349 440
IAudit fees	280 000	280 000	70 000	0	0
IDepreciation	23 650	23 650	23 650	23 650	??

- IPackaging ibhajethelwe i8% yecost price.
- Ii-auditor zicaphule ifees zazo njengeR280 000, ngonyakamali ophela nge31 Agasti 2026. Emva kokufumana i-invoyisi yabo, intlawulo yaye yenziwa ngoAgasti. Intsalela yeinvoyisi izakubhatalwa ngoSeptemba.

35

ITOTALI: 150

GRADE 12 ACCOUNTING FINANCIAL INDICATOR FORMULA SHEET	
$\frac{\text{Gross profit}}{\text{Sales}} \times \frac{100}{1}$	$\frac{\text{Gross profit}}{\text{Cost of sales}} \times \frac{100}{1}$
$\frac{\text{Net profit before tax}}{\text{Sales}} \times \frac{100}{1}$	$\frac{\text{Net profit after tax}}{\text{Sales}} \times \frac{100}{1}$
$\frac{\text{Operating expenses}}{\text{Sales}} \times \frac{100}{1}$	$\frac{\text{Operating profit}}{\text{Cost of sales}} \times \frac{100}{1}$
Total assets : Total liabilities	Current assets : Current liabilities
(Current assets – Inventories) : Current liabilities	Non-current liabilities : Shareholders' equity
(Trade and other receivables + Cash and cash equivalents) : Current liabilities	
$\frac{\text{Average trading stock}}{\text{Cost of sales}} \times \frac{365}{1}$ (See note 1 below)	$\frac{\text{Cost of sales}}{\text{Average trading stock}}$
$\frac{\text{Average debtors}}{\text{Credit sales}} \times \frac{365}{1}$	$\frac{\text{Average creditors}}{\text{Cost of sales/Credit purchases}} \times \frac{365}{1}$ (See note 2 below)
$\frac{\text{Net income after tax}}{\text{Average shareholders' equity}} \times \frac{100}{1}$	$\frac{\text{Net profit after tax}}{\text{Number of issued shares}} \times \frac{100}{1}$ (See note 3 below)
$\frac{\text{Net income before tax + Interest on loans}}{\text{Average shareholders' equity + Average non-current liabilities}} \times \frac{100}{1}$	
$\frac{\text{Shareholders' equity}}{\text{Number of issued shares}} \times \frac{100}{1}$	$\frac{\text{Dividends}}{\text{Number of issued shares}} \times \frac{100}{1}$
$\frac{\text{Interim dividends}}{\text{Number of issued shares}} \times \frac{100}{1}$	$\frac{\text{Final dividends}}{\text{Number of issued shares}} \times \frac{100}{1}$
$\frac{\text{Dividends per share}}{\text{Earnings per share}} \times \frac{100}{1}$	$\frac{\text{Dividends for the year}}{\text{Net profit after tax}} \times \frac{100}{1}$
$\frac{\text{Total fixed costs}}{\text{Selling price per unit – Variable costs per unit}}$	
NOTE: - Trading stock at the end of a financial year may be used if required in a question. 365 days is applicable only if relevant to the whole year. - Credit purchases may be used instead of cost of sales (figures will be the same if stock is constant). - If there is a change in the number of issued shares during a financial year, the weighted-average number of shares is used in practice.	